

Indawo Edlalwa Bubugosa



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Kol. 1:16–18; Heb. 4:14–16; 3 Yohane 3; Gen. 6:13–18; IsiTy. 14:6–12; 1 Pet. 1:15, 16.

Indima Yenkumbulo:

“Kuba uThixo akasibizelanga ekungcoleni; kodwa usibizele ukuba siphile ubomi obungcwele” (1 Tes. 4:7, NIV).

Ngenxa yobunzulu nobubanzi bobugosa, kulula ukulahleka kubukhulu babo, ukulityaziswa ziindlela eziphumayo nokugutyungelwa bububanzi babo. Ubugosa bulula kanti bukwantsonkothile, ngenxa yoko kulula ukuqondwa ngendlela engeyiyo. Sekunjalo, akakho umKristu okanye ibandla elinokubakho okanye lisebenze ngaphandle kwabo [ubugosa]. Ukuba ngumKristu kukwa kukuba ligosa elilungileyo.

“Asinto nje ezingcinga kuphela, ingelulo nophando-lwazi kodwa yinkqubo esebenzayo. Ngokwenyaniso, ngumthetho wobuKristu wokuphila. . . iyafuneka ekuqondeni okukuko kobomi, ibalulekile ekuphileni inkolo enyanisileyo ephilileyo. Asingumcimbi nje wokuvuma ngengqondo, kodwa sisenzo sengqondo negalelo eliqinisekileyo nelicacileyo nelichukumisa yonke into ejikeleze ubomi.” —LeRoy E. Froom, *Stewardship in Its Larger Aspects* (Mountain View: Calif., Pacific Press Publishing Association, 1929), p. 5.

Yeyiphi eminye imithetho engumbilini wento ethethwa kukuba ngumKristu oligosa? Kule veki siza kukhangela ukuba kukuthini ukuba ngumKristu oligosa. Siza kukwenza oko, phofu, ngomfanekiso onika umdla: ivili lenqwelo.

*Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaMatshi 10.

UKristu EnguMbindi

UKristu usisiqu esisembindini kuyo yonke iBhayibhile (Yohane 5:39), kwaye sidinga ukuzibonela ngokwethu kulwalamano kunye naYe. Wahlawula ityala lesono waba “yintlawulelo yokukhulula abaninzi” (Marko 10:45). UYesu unalo lonke igunya ezulwini nasemhlabeni (Mat. 28:18), nazo zonke izinto zisezandleni zaKhe Yohane 13:3). Igama laKhe liphakamile kunawo onke amanye, kwaye ngenye imini onke amadololo aya kuqubuda kuYe (Filipu 2:9–11).

“UYesu ungumbindi ophilileyo wayo yonke into.”—Ellen G. White, *Evangelism*, p. 186. UKristu uyintliziyo yobugosa bethu nethende lamandla ethu. Ngenxa yaKhe, siveza ubomi obufanele ukuphilwa, sibonakalisa kubo bonke ukuba ungumbindi ekujongwe kuwo bubomi bethu. UPawulos unokuba waba nokulingwa okuninzi, kodwa nokuba wayephi okanye kwakusenzeka ntoni kuye, wayenento enye ephambili awayephilela yona: “(Filipu 1:21).

Funda: Kolose 1:16–18, Roma 8:21, no-2 Korinte 5:17. Zisixelela ntoni ezi ndima ngokuba sembindini kukaYesu kuyo yonke into esingqongileyo?

Abukho ubugosa benene ngaphandle kukaKristu engumbindi ophakathi (Gal. 2:20). Ungumbindi walo “elo themba linoyolo (Tito 2:13), ukanti “ungaphambi kweento zonke, nazo zonke izinto zima zimi kuye” (Kol. 1:17). Kwanjengokuba iasi yenqwelo ingumbindi wamavili ize ngoko ithwale ubunzima benqwelo, uKristu ungumbindi wobomi bobugosa. Njengoo iasi eqinileyo inika ukuzinza, iwavumele amavili ukuba ajikeleze, uYesu naye ungumbini omileyo ozinzileyo wobukho bethu bobuKristu (Heb. 13:8). Impembelelo yaKhe ifanele ukuchaphazela konke esikucingayo nesikwenzayo. Yonke imiba yobugosa ijikeleza ifumane umbindi wayo kuKristu. “Ningekum, aninakwenza nto” (Yohane 15:5). Umbindi wobugosa abulilo ihante kodwa bubukho bukaKristu ophilileyo, osebenza ngaphakathi kwethu esibumba izimilo ngoko nangonaphakade.

Yinto eyodwa ukuthi uYesu ungumbindi wobomi bethu, kodwa yenye ukuphila ngokungathi unguwo. Ungaqiniseka njani ukuba uYesu, ngokwenene, uyaphila ngaphakathi kwenu njengoko ethembisa ukuba uya kwenjenjalo, ukuba siyamvulela angene?

Imfundiso Yengcwele

Umntu akakhohli kucinga ngengcwele ngokuhlangene nobugosa. Kanti, ikhonkco likho kuba ingcwele ibaluleke kakhulu kuhlelo lwenkolo yethu, nobugosa buyinxalenye yohlelo olo. “Ukuqonda ngendlela eyiyo ukulungiselela [kukaKristu] kwingcwele yasezulwini, kususiseko senkolo yethu.”—Ellen G. White, *Evangelism*, p. 221. Kunyanzelekile ukuba siyiqonde indawo yobugosa ngokokukhanya kwale mbono yeBhayibhile.

U-1 Kumkani 7:33 uchaza ivili lenqwelo. Siza kubonisa imfundiso yengcwele njengomphakathi wevili. Umphakathi wevili uhlangane neasi uze unike ukuzinza ivili xa lijikeleza. Njengoko ethe wafa wavuka oyisile (2 Tim. 1:10), uKristu usisiseko somsebenzi waKhe engcweleni (Heb. 6:19, 20) kwaye enika ukuzinza kokholo lwethu. Kulapha engcweleni apha alungiselelayo endaweni yethu apha emhlabeni (bona Heb. 8:1, 2). “Limi kumthetho-siseko ‘sola Scriptura’ [isiBhalo kuphela], ubuAdventist beBhayibhile bakha uhlelo lweemfundiso busebenzisa imbono eqhelekileyo yemfundiso yengcwele.”—Fernando Canale, *Secular Adventism? Exploring the Link Between Lifestyle and Salvation* (Lima: Peru, Peruvian Union University, 2013), pp. 104, 105.

Zisixelela ntoni ezi ndima ngokulungiselela kukaYesu engcweleni? 1 Yohane 2:1, Heb. 4:14–16, IsiTy. 14:7.

Imfundiso yengcwele ityhila inyaniso enkulu yosindiso nokuhlangulwa, esembindini wako konke ukufunda ngoThixo komKristu. Engcweleni, asiboni kuphela ukufelwa kwethu nguKristu, kodwa sibona nolungiselelo lwaKhe kwingcwele yasezulwini. Siyabona, kwakhona, kwingcwele kangcwele ukubaluleka komthetho kaThixo nobukho bomgwebo wokugqibela. Embindini kuko konke, kukho isithembiso sokuhlangulwa okwenziwa kwakho kuthi ngokuphalala kwegazi likaYesu. Indawo yobugosa ibonakalalisa ubomi obumiliselwe kwinyaniso enkulu yosindiso, njengoko ityhilwe kwimfundiso yengcwele. Okona ziyiqonda nzulu into uKristu asenzele yona naleyo ayenzayo ngaphakathi kwethu ngoku, okona sisondele ngakumbi nangakumbi kuKristu, kulungiselelo lwaKhe, kumsebenzi waKhe, kwimfundiso yaKhe, kwinjongo yakhe ngabo baphila ngokwemithetho-siseko yobugosa ebomini babo.

Funda: Hebhere 4:14–16. Yintoni esiyifunyaniselwa apho kwidabi lethu nesono, u-mna, nokubawa? Siwafumana njani amandla nethemba koko sikuthenjiswa apho?

Iinkolo Zezifundo Ezimile KuYesu

Ingewele isembindini kuba kulapho inyaniso enkulu yosindiso ibekwe ngamandla amakhulu, apho intsingiselo yomnqamlezo ityhilwe khona. Zonke iimfundiso zethu, ngandlela ithile, kufuneka ziqhagamshelwe kwisithembiso segospile nosindiso. Njengezipokisi zevili, ezinye iimfundiso ziphuma kwinyaniso enkulu yosindiso ngokholo kuYesu. “Umbingelelo kaKristu njengesicamagushelo sesono yinyaniso enkulu ezithi zihlangane kuyo zonke ezinye iinyaniso. . . . abo bafunda umbingelelo omangalisayo woMhlanguli bayakhula elubabalweni naselwazini.”—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary*, vol. 5, p. 1137.

Wayethetha ukuthini uYesu ngokubhekisa kuYe ngokuthi “[uyi]nyaniso” kuYohane 14:6? Thelekisa noYohane 17:17. Sifanele ukwenza ntoni ngenyaniso? 3 Yohane 3.

Iimfundiso zenkolo yethu ziphembelela ukuba singoobani nokuba sibheka kweliphi icala. Iimfundiso aziphelanga nje ekubeni zingcamango zokufunda ngoThixo; yonke imfundiso eyinyaniso imiliselwe kuKristu, kwaye yonke ngendlela zayo ezahlukeneyo ifanele ukuba negalelo kwindlela esiphila ngayo. Kakuhle, omnye unokuthi, ekholisa, into esiyiyo singamaSeventh-day Adventist igxumekeke kwiimfundiso zethu ngaphezu kwayo nayiphi enye into. Iimfundiso, ngoko, esizikhupha eBhayibhileni, zizo ezenza sibe koko sikuko njengamaSeventh-day Adventist. Indawo yobugosa kukuphila inyaniso yemfundiso njengoko injalo kuYesu, nokwenza oko ngendlela echukumisa ngokulungileyo ixabiso lethu lobomi. “Nimvile, nafundiswa nikuye, njengoko inyaniso ikuye uYesu; yokuba nithi ngakwihambo yangaphambili nimlahle umntu omdala, owonakaliswayo ngokokweenkanuko zokulukuhla; nihlaziye ke kuwo umoya wengqiqo yenu, nimambathe umntu omtsha, othe ngokukaThixo wadalelwa ebulungiseni, nasebungcweleni benyaniso” (Efese 4:21–24). Kule ndima sifumana oko kuthetha, kungekuphela ukuyazi inyaniso, kodwa ukuyiphila. Ukuba ligosa akupheleli ekukholelweni iimfundiso, nokuba ziyinyaniso kangakanani ezo mfundiso; ukuba ligosa kuthetha ukuphila ezo nyaniso ebomini bethu nasekuhlenganeni kwethu nabanye.

Izigidimi Zeengelosi Ezintathu

Kukabini kuphela apho uThixo walumkisa ihlabathi ngentlekele ezayo: kanye kuNowa (Gen. 6:13–18, Mat. 24:37) kwakhona ngezigidimi zeengelosi ezintathu (IsiTy. 14:6–12). Ezi zigidimi zibuyisa umva umdiyadiya ukuze kuvele icala elingaqhelekanga leziganeko ezizayo zehlabathi. Ukuziqonda kwethu ezi zigidimi kuye kuvuthwa ngokuhamba kwexesha, kodwa isigidimi nomsebenzi zise kukugwetyelwa ngokholo kuKristu, “isigidimi sengelosi yesithathu ngokuyinyaniso.”—Ellen G. White, *Evangelism*, p. 190. Ngamanye amazwi, embindini wesigidimi sethu senyaniso yeli xesha, isigidimi esibizelwe ukuba sisivakalise ehlabathini, kumi uYesu nombingelelo waKhe omkhulu ngenxa yethu.

Funda: IsiTyhilelo 14:6–12. Uthini owona mongo wezi zigidimi? Zithini ehlabathini? Luthini uxanduva oluphezu kwethu ngokubhekiselele kwezi zigidimi, baye bungena phi bona ubugosa?

NjengamaSeventh-day Adventist, esikuthunyiweyo kukunika inyaniso yezigidimi zengelosi ezintathu ukulungiselela ukubuya kwesibini kukaKristu. Abantu kufuneka bakwazi ukwenza isigqibo ngonaphakade. Indawo yobugosa kukubambisana noThixo emsebenzini [esiwuthunyiweyo] (2 Kor. 5:20, 6:1–4). “Ngendlela ekhethekileyo, amaSeventh-day Adventist abekwe emhlabeni njengabalindi nabathwali-kukhanya. Kuwo kunikelwe isilumkiso sokugqibela sehlabathi elitshabalalayo. Kuwo kubengezela ukukhanya okumangalisayo okuphuma eLizwini likaThixo. Anikwe umsebenzi oneyona ndili ngokubaluleka—ukuvakalisa esokuqala, esesibini, nesesithathu izigidimi. Awukho omnye umsebenzi obaluleke kakhulu kangako. Akufuneki avumele nanye into ukuba itsale okanye ixakakise ingqondo yawo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 9, p. 19. Elo dini [irim] levili sele liza kuchukumisa umhlaba laye limele umsebenzi wezigidimi zeengelosi ezintathu. Umsebenzi eziwuthunyiweyo kukukhusela ukumka kokufunda ngoThixo kwethu nokusibonisa umthwalo wethu kwiziganeko zemihla yokugqibela. Simele ukuba ngamagosa esi sigidimi, sisivakalise emhlabeni.

Kulula kakhulu, xa sicinga ngeziganeko zemihla yokugqibela, ukubambeka kwimifanekiso nemihla. Ezo zinto zinendawo yazo, kodwa, njengoko sifuna ukusishumayela esi sigidimi ehlabathini, singaqinisekisa njani ukuba simgcina uYesu nombingelelo wakhe ngenxa yethu ngaphambili nasembindini?

Ubugosa

UKristu ufuna ukuba siphile ubomi obungcwele. Ubomi baKhe buya bufanekisa “ubungcwele” kwanoko, ekugqibeleni, ubugosa bumele ukubonakala bukuko (Heb. 9:14). Kufuneka sibuphathe ubomi bethu ngendlela emkholisayo uThixo, kuquka endlela esiphatha ngayo konke oko sigciniswe kona. Ubugosa kukubonakalalisa obo bungcwele.

Thelekisa u-1 Petros 1:15, 16 nomaHebhere 12:14. Ukuthi “yibani ngcwele” no“bungcwele” kuthetha ntoni? Oku kuhambelana njani nobugosa bethu?

Abantu abangabaseRoma bafumanisa ukuba ivili lenqwelo lihlala ixesha elide xa kufakwe ibhanti lentsimbi ukugquma irim yalo. Umkhandi wayeyitshisa intsimbi ukuze ibe nobukhulu khon’ ukuze ikwazi ukungena ngaphezu kwerim. Amanzi abandayo ayeyinciphisa ukuze iqine. Ibhanti yentsimbi ibiba yiyo ehlangana nomhlaba xa ivili lijikeleza. Ibhanti yentsimbi inako ukumela ingcamango yobugosa. Eli lilixa lenyaniso, xa ubomi bethu basemoyeni bugudlana nobomi bethu esibuphilayo. Kulapho ukholo lwethu luhlangana namahla-ndinyuka obomi ngokuphumelela nokungaphumeleli. Kulapho iinkolo zethu ziqubisana khona namadabi anguqulukubhode okuphila imihla ngemihla. Ubugosa sisigqubuthelo sangaphandle soko sikuko noko sikwenzayo. Bubungqina bokuziphatha kwethu nobomi obuphethwe kakuhle. Izenzo zethu zemihla ngemihla ezityhila uKristu zifana nentsimbi ekwivili eyiyo ehlangana nendlela.

Izenzo zinamandla kwaye kufuneka zilawuliwe ngokuzinikela kwethu kuKristu. Kufuneka siphile sinale ngqiniseko nesithembiso: “Ndinokuzenza izinto zonke, ndikulowo undomelezayo, uKristu” (Filipu 4:13). “Ukungcwaliswa komphumlo ngokusebenza kukaMoya Oyingcwele kukutyalwa kwendalo kaKristu eluntwini. Inkolo yegospile nguKristu ebomini, ongumthetho-siseko ophilileyo nosebenzayo. Lubabalo lukaKristu luvezwe esimilweni lwabonakalaliswa kwimisebenzi elungileyo. Imithetho-siseko yegospile ayikwazi ukususwa nakweliphi isebe lobomi obuphilwayo. Wonke umsebenzi wamava obuKristu nokusebenza kufanele ukuba kube kukumela ubomi bukaKristu.”— Ellen G. White, *Christ’s Object Lessons*, p. 384.

Khangelana ubomi bakho bemihla ngemihla, ubukho bakho yonke imihla. Yintoni ngabo etyhila ubukho bukaKristu ngaphakathi kwakho, nto leyo ekwenza ube ngumntu omtsha? Kukhetha kuni onokukwenza usezingqondweni ekufuneka ukwenzile ukuze ububone ubungcwele baKhe butyhilwa kuwe?

Ingcamango Eyongeziweyo: Ngamanye amaxesha, amavili enqwelo kwakufuneka ukuba ibhanti lawo lentsimbi lilungiswe ngokutsha ngenxa yokutsaleka kukunyathela indlela. Oku kulungiswa kwakudinga ukubethwa nokukhandwa kakhulu kwayo intsimbi. Oku kulungiswa kumele ubugosa njengokungcwaliswa okuphathekayo. Kukuba nengqondo kaKristu xa buphendula kwimiba yobomi emikhulu kakhulu okanye emincinane, naxa ukwenza oko kunokuba nzima kube buhlungu. Nokuba ukwenza oku kubhekiselele ekusebenziseni imali, ulwalamano losapho, okanye ingqesho, ukubala nje ezimbalwa, konke kufuneka uphendulwe kuko ngengqondo kaKristu. Ngamanye amaxesha, njengoko sonke sisazi kakuhle, singasifunda esi sifundo kuphela ngokubetheka kakhulu. Akukho lula ukulungisa intsimbi. Kwaye kungekho lula ukulungisa isimilo somntu. Cinga ngamava kaPetros. WayenoYesu kuyo yonke indawo, kodwa akazange wawalindela la mazwi ukuba angaphuma emlonyeni kaYesu: “Ke mna ndikhungile ngawe, ukuba ukholo lwakho lungapheli, nawe ke, xa ubuye wabuya, uze ubazimase abazalwana bakho” (Luka 22:32). Kungekudala kakhulu emva koko, emva kokumkhangela uYesu, uPetros waba nokutshintsha ebomini bakhe, kodwa kuphela emva kwamava abuhlungu kakhulu nanzima. Ngenye indlela, ubugosa bakhe balungiswa. UPetros waguquka ngokutsha, baza ubomi bakhe babheka phambili ngendlela entsha, kodwa kuphela emva kokukhandeka kwenene.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- 1. Kunantoni yokwenza ukungcwaliswa okuphathekayo nomyalelo kaYesu othi, “makazincame, awuthwale umnqamlezo wakhe imihla ngemihla”?** Luka 9:23. Yintoni ebethelelweyo emnqamlezweni? Gal. 6:14. Oku kuwubonanalisa njani umsebenzi wokungcwaliswa? Ukungcwaliswa okuphathekayo kusinceda njani ukuba sifunde ukucinga njengoThxo? 1 Kor. 2:16.
- 2. Athini awakho amava ngendlela izilingo ezibuhlungu ezifundisa ngayo izifundo ezinamandla ngobomi bobuKristu nokulandela iNkosi? Abo baseklasini abaziva bengenayo ingxaki, mabathethe ngaloo mava, ngangokuba yintoni abayifundileyo. Yintoni esingayifundayo nathi kumava abanye?**
- 3. Cingani ngezinye iinkolo esizigcinileyo thina singamaSeventh-day Adventist, nokuba yiSabatha, imeko yabafuleyo, iNdalo, ukuBuya kwesiBini, nezinye. Zeziphi iindlela ezimele ukuba ezi nkolo zahlukeneyo zibe negalelo ekuphathweni kobomi bethu jikelele.**